# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
# *SENIORSERTIFIKAAT-EKSAMEN*

## FEBRUARY / MARCH
## *FEBRUARIE / MAART*

## 2007

## ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE INQANABA ELIPHEZULU

Iphepha Lesithathu

IsIXHOSA FIRST/PRIMARY LANG HG: Paper 3

**HG**

**121-1/3**

121 1 3 HG

7 pages
*7 bladsye*

X05

COPYRIGHT RESERVED / *KOPIEREG VOORBEHOU*
APPROVED BY UMALUSI / *GOEDGEKEUR DEUR UMALUSI*

**ISEBE LEZEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHEZULU**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**AMANQAKU: 120**

---

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamaCandelo amathathu A, B, C.
- KwiCandelo A khetha isincoko sibe sinye ubhale ngaso amaphepha amabini ukuya kwisiqingatha.
- KwiCandelo B khetha umbuzwana ubemNye kumbuzo ngamnye.
- KwiCandelo C khetha ube mNye kwemine oyibuziweyo.

---

## ICANDELO A
### IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha ubhale isincoko ngengongoma eNYE kwezi zilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-450-550; amaphepha amabini ubuncinane.

1.1 Yaba nguqulukubhode umama eshiya umntwana, umntwana eleqa unina. Nanko amaza olwandle edlokovela emizini nasezidolophini. Konakele phi na? Wakhe waphuma na ululiwe emzileni waza kuhamba etheni na? Yinyikima yolwandle ngenyibidyala!. Bhala ISINCOKO – NKCAZO ngesi sivondoviya.

1.2 Yingxokolo yantoni na le ndiyivayo? Ndibona nomphontsholobe wothuli olubomvu unyukela emoyeni. Kunuka nerhuluwa nje. Izithonga zemipu nevumba lesintywizisi-mehlo liyatsarha. Oh!.Yimigewu namapolisa? Kha uye kukroba ke mfundi ubhale ISINCOKO-MBALISO ngale meko.

1.3 Ingaba ubundlobongela bubangwa kukunqongophala kwemisebenzi na okanye bubangwa yinkohlakalo. Bhala INGXOXO-MPIKISWANO ngalo mba.

1.4 UMamJwarha noNontlantsi yinyoka nesele. Phuhlisa lo mba uphakathi kwesi sibini.

1.5 Ukuba ndinganguMphathiswa wezeMfundo kwezi ziphumo zebanga leshumi zinje!! Bhala ISINCOKO-NTELEKELELO.

1.6 Zininzi iintshaba zolutsha kule mihla. Bhala ISINCOKO-ESIMBOLOMBINI.

**AMANQAKU ECANDELO A: [40]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

### IILETA

Khetha ubhale incwadi ibe NYE kwezi zilandelayo. Ubude mabube liphepha elinye, idilesi, isiqalo, isiqu nesiphelo.

2.1 Bhalela unyokolume owakukhulisayo wakufundisa de wasebenza, umbulele ngako konke.

**OKANYE**

2.2 Bhalela inkampani yogesi uyilume indlebe ngamasela ogesi kwingingqi yakho. **[20]**

### UMBUZO 3

### IMIHLATHI EMIDE

3.1 Yenza isigxeko sincomo ngenye yeencwadi ozityunjelweyo kwibanga-12. Nathi ke siyazazi ezi ncwadi, akunakuphosisa.

**OKANYE**

3.2 Bhala imizuzu yentlanganiso (njengoNobhala kaloku) ebekuxanjuliswana ngotyhutyhumezo – mthetho lweziphatha-mandla zeqela lebhola yakho

**OKANYE**

3.3 Bhala ubomi ngomfi omdala, ofundileyo, otshatileyo nobebalulekile eluntwini, umazi kakhulu ke wena. **[20]**

### UMBUZO 4

### IMIHLATHANA

KHETHA ubhale ngomhlathana ube mNye kule ilandelayo:

4.1 Uzigqibile izifundo zakho, thumela isivi yakho kwiindawo ngeendawo onyeke ingqesho kuzo.

**OKANYE**

Tyhila

4.2 Yenza isibhengezo sentengiso yendlu/ yemoto okanye nantoni na ofuna ukuyithengisa. Yincome bagilane abathengi.

**OKANYE**

4.3 Thumelela umama wakho i-imeyile umxelele ngeziphumo zemviwo zakhe zebanga leshumi. **[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [50]**

## ICANDELO C

**IMIYALELO**

- Umvavanywa uya kukhetha umbuzo ube MNYE kuphela kwemine ayibuziweyo kweli candelo.
- Phendula Umbuzo 5.1 okanye 5.2 okanye 6.1 okanye 6.2.

**UMBUZO 5**

**IINTSOMI**

***Sasinoncwadi Kwatanci*** **– S.C Satyo Nabanye**

5.1.1 Chaza izinto zibe ntlanu ekufuneka umbalisi azisebenzise ekubaliseni iintsomi. (5)

5.1.2 Nika ingcaciso okanye inkcazelo ngegama elithi ntsomi. (3)

5.1.3 Nika umzekelo wentsomi yesiXhosa apho kuchazwa khona imvelaphi / intsukaphi yezimba. (10)

5.1.4 Naba ngomsebenzi weli qhalo lithi neqaqa liyagquma kowalo umngxuma ubonakalise impoxo. (2)


5.1.5 Yakha amaqhalo ngala magama alandelayo:

(a) imbila
(b) ibuzi
(c) iqaqa
(d) impuku (10)
(e) imbovane **[30]**


**OKANYE**

5.2.1 Qwalasela umfanekiso ngamnye kule ingezantsi, wandule ukwakha iqhalo okanye isaci ngomfanekiso ngamnye. (6)

A



B




C.




5.2.2 Kutheni le nto iintsomi zibaliswa ebusuku nje. (2)

5.2.3 Nika amaqhalo abe mabini azizithetha-ntonye. (2)

5.2.4 Yakha amaqhina ngale mifanekiso ilandelayo unike neempendulo. (4)



A



B

5.2.5 Yihla amahlongwane ngentsomi ethi: UDYAKALASHE NENGONYAMA uze uveze imfundiso yombhali. (10)

5.2.6 Chaza umahluko phakathi koncwadi lwemveli noncwadi olubhaliweyo. (4)

5.2.7 Lithetha ukuthini igama elithi iqhina? (2)
**[30]**

**UMBUZO 6**

**AMABAL' AMAFUTSHANE**

***Apha naphaya* – D.M. Jongilanga**

6.1.1 Ngubani lo ulele ngandletyananye kwibali elithi "Alitshoni lingenandaba"? (1)

6.1.2 Chaza inyanga awalishiya ngalo eliphakade. (1)

6.1.3 Sizathu sini esibangela ukuba iinkuku nezinja zitolelwe ixhama ngabaThwa loo mini. (2)

6.1.4 Caphula iculo elathi laculwa kwinkonzo emfutshane. (2)

6.1.5 Zakuba zirhwaqelisiwe iikomityi, nika isifanokuthi segama elikrwelwe umgca ngaphantsi. (1)

6.1.6 Ngubani lo wajubayo, ibangelwa yintoni loo meko yakhe? (2)

6.1.7 Lowo kuthethwa ngaye wabalekiselwa esibhedlela, nika igama lesibhedlela eso. (1)

6.1.8 Nika izizathu ezibini ezabangela ukuba umlaliso uphele xa kulindwa umhla wokungcwatywa komntu oswelekileyo. (2)

6.1.9 Kuthetha ukuthini ukuphatha inyoka emsileni? (2)

6.1.10 Umbhali usebenzise isafobe bhuxe, ingaba sisafobe sini? (1)

6.1.11 Nika amagama amabini amanenekazi anezikhalazo kwincoko yawo. (2)

6.1.12 Ingaba yintoni le bayikhalazelayo? (2)

6.1.13 Chasa okanye uxhase inkqubo yomngcwabo kubantu aba Ntsundu. (4)

6.1.14 Yintoni le ibangela ukuba abantu besoloko bekroka okanye bekhalaza xa beye ezingcwabeni? (2)

6.1.15 Ingaba ilungile into yokubona abantu bezimase inkonzo yomlindo benxilile? Nika izizathu zempendulo yakho. (2)

6.1.16 Kukuthini ukulala ngandletyananye? (1)

6.1.17 Ngubani lo kuthiwa makahlale phantsi asiyondawo le yokufunda ukuthetha? (1)

6.1.18 Kukuthini ukunabela uqaqaqa? (1)
**[30]**

**OKANYE**

6.2.1 Zoba umfanekiso wekhaya likaNte ngokucaphula encwadini. (10)

6.2.2 Zinto zini ezibonakalisa ukuba uNte ukhule etsala nzima okanye esokola. (10)

6.2.3 UNontlantsi ingaba wayengumzali onenkathalo na? (10)

**AMANQAKU ECANDELO C: [30]**

**AMANQAKU EWONKE: 120**

**ISIPHELO**